# Inja ka-Akani

Ibhalwe nguBaeletsi Tsatsi | Imizobo nguManu Kongolo

Mhla uMongameli waseMzantsi Afrika wayekhupha isibhengezo sokuba ilizwe liza kuya kumiso ngxi lweentshukumo, abazali baka-Akani babesazi ukuba uza kuba nesithukuthezi ekhaya. Esikolweni uAkani wayedlala nabahlobo bakhe; kootitshala bakhe wayefunda amagama amatsha nokubhala kwanokubala. Abazali baka-Akani bacinga icebo lokumgcina onwabile: bamfunela inja.

“Uza kuthi ngubani igama lenja yakho?” wabuza umama ka-Akani.

“Andikazi okwangoku,” watsho uAkani.



Ngosuku lokuqala lokumiswa ngxi kweentshukumo, uAkani nenja baqala badlala egadini, babaleka wade waphelelwa ngumoya uAkani. Emva koko bayokuhlala egumbini lokulala lika-Akani. Efestileni yakhe babekwazi ukubona izakhiwo zokupholisa isitishi esidala sombane kude phaya. Ezi thawa zazipeyintwe ngemibala egqamileyo.

Inja yaqalisa ukukhwina noAkani wayimbambazela ngobunono. Yaqalisa ukujiwuzisa umsila wayo ivuya kakhulu. Wabuza uAkani, “Yintoni, njanana?”



Ungayikholelwa le? Yangqokola inja! “Kudala-dala...”

UAkani wacinga ukuba inokuba ushiywa ziingqondo. Wagoba esondela kwinja yakhe. “Ubusithini?”

Inja yalungisa ilizwi layo. “Kudala-dala,” yaphinda inja, ijonge ntsho kweli cala leziya zakhiwo. UAkani waphulaphula ngobunono njengokuba inja yayiqalisa ukubalisa ibali layo.

“Emazantsi eRhawuti kwakukho izakhiwo ezibini eziphakamileyo. Zazintle kakhulu. Yayizizakhiwo zokupholisa iOrlando Power Station de kwaba ngunyaka we-1998. Zaza zajikwa zaba zizakhiwo zamabali eSoweto yonke: iiThawa zaseSoweto. Amabali azotywa ngemifanekiso engqonge ezi zakhiwo. Imifanekiso yayitshintshatshintsha. Ngamanye amaxesha amabali abaliswayo ayengoNelson Mandela, iqhawe elibalaseleyo lesizwe. Ngamanye amaxesha kwakubaliswa ngomculo nangabantu abadanisa ngokuzinikela. Maxa wambi kwakubaliswa amabali ngeRhawuti, isiXeko seGolide,” yatsho inja.



UAkani wayezele yimincili waze wabuza inja ngqo: “Ingaba uyinja yomlingo?” Inja yasondela kuAkani, yamlenca ezo zidlele ziqumqum yaze yahleka intsini yenja.



“Ndiyinja ebalisa amabali,” yatsho inja.

UAkani wayonwabile kakhulu wehla ebhedini wadanisa umdaniso woloyiso. Yabukela inja, ijiwuzisa umsila wayo ngapha nangapha. Waphinda wahlala phantsi uAkani.

“Owu, nonjana, ndicela undibalisele elinye ibali,” wacela.

“Ikhona into ekufanele undenzele yona kuqala,” yatsho inja.

“Nantoni na,” wathembisa uAkani. “Ndixelele nje wena ukuba yintoni na.”

“Kufuneka undithiye igama,” yatsho inja.

UAkani wajonga ngaphandle efestileni ethule ixeshana. Wabona izakhiwo mgama waba necebo.

“Orlando,” watsho uAkani, ejonge inja efuna ukubona ukuba iyalithanda na eli gama layo litsha. Yathula imizuzwana. Yehla ebhedini, yakhala ngemincili ngoncuthu olufana nengoma, yenza into ebufana nomdaniso woloyiso. Yayilithanda igama layo.

“Orlando,” watsho uAkani. “Ndicela undibalisele ibali.”

“Kudala-dala …” watsho uOrlando, ehlala ecaleni kukaAkani ebhedini.

# Inja ka-Akani

Ibhalwe nguBaeletsi Tsatsi • Imizobo nguManu Kongolo

## Izimvo eninokuthetha ngazo

Ingaba zinolwimi izinja? Ukuba akunjalo, zinxibelelana kanjani izinja?

Yintoni oyikhumbulayo ngexesha lokuqala sinokuma ngxi kwentshukumo? Hlobo luni lwezinto ozenzileyo ngexesha lokuma ngxi kweentshukumo?

## Umfanekiso

Zoba umfanekiso ka-Akani no-Orlando bedlala kunye esitiyeni.

## Ukufunda

Yiba ngumcuphi webali! Fumana amagama ebalini akuxelela ukuba:

- igumbi lokulala lika-Akani linefestile
- uAkani ebenobubele enjeni yakhe
- unomdla ebalini elibaliswe yinja yakhe
- wathiya inja yakhe ngemiPhongoma yaseSoweto.

## Ukubhala

Nceda uAkani angabi nasithukuthezi ngexesha lokuma ngxi kweentshukumo. Bhala uluhlu lweengcebiso zokuPhelisa isiThukuthezi ekubeni ungazigcina njani uxakekile ekhaya.

## Ubuchule

Zenzele owakho umphongoma webali. Fumana ikhadibhodi kunye nephepha elaneleyo ukulogquma kuwo onke amane amacala. Zoba okanye upeyinte umfanekiso webali ephepheni. Ncamathisela umfanekiso webali emacaleni ebhokisi yekhadibhodi.

## Ukwenza

Gqibezela ibali oqala ukulibalisa uOrlando ekepheleni kwelithi *Inja ka-Akani.*